

UNtlakanipho wayezalwa kusapho lwakwaNtlanganiso. Abazali bakhe babengabasebenzi basefama. UNtlakanipho waye wakhuliswa ngumakhulu wakhe ozala uyise, uNothobile.



UNtlakanipho ufunde kwisikolo iSiyafuneka. Abahlobo bakhe babethanda ukumenza intlekisa. Babehlekisa ngaye kuba iimpahla zakhe zazigugile zikrazukile.

Amaxesha amaninzi wayefika ekhaya elila qho xa evela esikolweni.



UNothobile umakhulu wakhe, wayedla ngokumthuthuzela.
Wayemthembisa ukuba konke kuza kudlula.
Ngamaxesha amaninzi ebusuku, wayengalali uNtlakanipho, ngenxa yale ngxaki. Umakhulu wakhe wayethe gqolo emkhuthaza lonke ixesha.



Amakhwenkwe awayefunda nawo, ayemngcikiva.
Oyena mngcikivi yayinguDumile.
UDumile wayephuma kwikhaya lakwaZenzile elalingaxakekanga linezinto.
KwaZenzile kwakukho iivenkile neeteksi.



Ngenye imini, uNtlakanipho wafika kowabo ebaleka. Wayelila, ihempe yakhe yayibomvu krwee ligazi.

Wayebethwe nguDumile, embethela ukuba engakhange avume ukudanisela abahlobo bakaDumile.



Esi siganeko sokubethwa kukaNtlakanipho asizange sixoxwe esikolweni. Inqununu yathetha nje kuphela noNtlakanipho yamcebisa ukuba ahambele kude kuDumile. UNtlakanipho wakhathazeka kakhulu.



UNtlakanipho wasebenza ngokuzimisela esikolweni.
Wafunda ngenkuthalo ukuze akhawuleze agqibe emke kweso sikolo.
Wayefuna ukuzikhwebula kwimpathekombi.

Wagqiba ukufunda uNtlakanipho.
Abahlobo bakhe abaninzi bashiyeka kuye.
Abanye baphuma bengekasigqibi isikolo.






UNtlakanipho waba ngugqirha ze wasebenza kwisibhedlele iCecilia Makhiwane. Ngobunye ubusuku kwathiwa makafike ngokukhawuleza esibhedlele. Kwakukho indoda eyayidutyulwe esifubeni. UNtlakanipho yayinguye yedwa owayenokwazi ukunceda loo ndoda.

UNtlakanipho wakhawuleza waleqa kwigumbi loqhaqho.
Wafika kukho indoda eyayikhala kabuhlungu iqaqanjelwa.
Wothuka ‘woma’ akubona le ndoda.
YayinguDumile Zenzile!





Amehlo kaNtlakanipho angcwenga iinyembezi. Igazi elalisesifubeni sikaDumile lalimkhumbuza igazi elalikwihempe yakhe. Le meko yamkhumbuza indlela awaxhatshazwa ngayo eSiyafuneka nguDumile. Nangona wayekuloo meko, uNtlakanipho wazixelela ukuba makalibale ngezadlulayo enze umsebenzi wakhe.



Emva kweveki, uDumile wayesele ekwazi ukuthetha.
Wayesazi ukuba wasindiswa nguGqirha Ntlakanipho.
Walila kabuhlungu uDumile.
Kwakunzima nakubongikazi ukuba bakwazi ukumthuthuzela.



Wathi akungena etyelele isigulane sakhe uNtlakanipho, wehla ebhedini uDumile waguqa phantsi.
Wayegixa, ecela uxolo ngento awayenza kuNtlakanipho.
UNtlakanipho wambamba ngesandla sakhe waze wambeka ebhedini.



Emva kweeveki ezimbini, uDumile wayesele echachile. UNtlakanipho wamxolela uDumile ngokumxhaphaza.

UDumile wambulela uNtlakanipho ngokusindisa ubomi bakhe.

# IMIBULELO KWABA

**Ibhalwe ngu**
Tinyiko Geoffrey Bandi

**Izotywe ngu**
Siyasanga Madyibi

**Umhleli woku-1**
Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**
Deborah Shilenge

**Umhleli wesi-3**
Rebecca Maluleke

**Umhleli**
PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**
Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**
Vuyokazi Mbele Ludidi

